ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Maria Goretti Correia**
ICandelo loLawulo loVavanyo
Maria.Correia@westerncape.gov.za | 021 467 2891

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 20/2/1/1
Isaziso: 20240926-7003

ISetyhula: 0030/2024
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zoLwimi lwaseKhaya loLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika (*South African Sign Language Home Language)* zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isishwankathelo esifutshane: *Ingcaciso yabo bonke abathathi-nxaxheba ngomyalelo wakutshanje omalunga namalungiselelo okuqhutywa nokusingathwa kweemviwo zoLwimi lwaseKhaya loLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika (South African Sign Language (SASL) Home Language (HL)) zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC) zikaNovemba 2024*

**ISihloko: Umyalelo wakutshanje omalunga namalungiselelo okuqhutywa nokusingathwa kweemviwo zoLwimi lwaseKhaya loLwimi lweZandla lwaseMzantsi Afrika *(South African Sign Language (SASL) Home Language (HL))* zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke *(NSC)* zikaNovemba 2024**

1. INdibano kaZwelonke (*National Assembly*) yango-2023 izivumile izilungiso ezifakelwe kwicandelo 6 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi, 1996 zokuqukwa koLwimi i-*SASL* njengolwimi lwaseburhulumenteni ukukhuthaza amalungelo abantu abangevayo ngeendlebe okanye abangeva kakuhle.

2. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE*) likhuphe uMyalelo oyi-*Examination Instruction No*. 30 ka-2024, womhla we-29 Agasti 2024, ukwazisa amaphondo malunga neenkqubo eziza kulandelwa ukulungiselela ukuqhutywa nokusingathwa kweemviwo ze*NSC* zoLwimi lwaseKhaya i-*SASL HL* ngoNovemba ngo-2024.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

3. Imihla yokubhalwa koviwo lokugqibela kumaPhepha 1, 2 nele-3 oLwimi lwaseKhaya lwe-*SASL* yile ilandelayo:

| UMHLA | USUKU | IPHEPHA |
|---|---|---|
| 25 Oktobha | NgoLwesihlanu | 3 |
| 06 Novemba | NgoLwesithathu | 1 |
| 20 Novemba | NgoLwesithathu | 2 |

4. Ikopi yeSikhokelo i-*Guidelines for the Conduct and Administration of Examinations in South African Sign Language Home Language,* (**isiHlomelo D**) iqhotyoshelwe apha (nesiya kubizwa njengeSikhokelo emva koku), yaye kuyimfuneko ukuba bonke abathathi-nxaxheba babe nolwazi ngaso.

5. Izikolo mazizalise uxwebhu oluyi-*examination readiness audit* (**isiHlomelo A**) yaye iNtloko yeCandelo leeMviwo yeSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED)* mayizalise uxwebhu oluyingqinisekiso yokunyaniseka olubonakalisa ukuba ahloliwe (*audited*) ukwenzela ukulungela kwawo ukubhalela iimviwo, amaziko okubhalela iimviwo zoLwimi lwaseKhaya i-*SASL HL* (**isiHlomelo C**).

6. Inqununu/umgadi wabaviwa oyintloko kufuneka angqinisise ukuba izixhobo ze-*software* ne-*hardware* ezisetyenzisiweyo ukulungiselela iimviwo zoLwimi lwaseKhaya i-*SASL HL,* ziyayithobela imigaqo (*comply*) ne-*Information Technology* (*IT*) emiselweyo ecaciswe kwiSikhokelo.

7. ISebe i*WCED* kufuneka linike inkxaso izikolo ezifundisa uLwimi lwaseKhaya i-*SASL HL* yokuba zifumane iilayisensi ze-*software* (*software licences*) apho kuyimfuneko.

8. **Iinkqubo emazilandelwe**

8.1 <u>Iinkqubo ezenziwa kwiiveki EZIMBINI eziphambi kokuqala kweemviwo</u>:

(a) Izikolo maziqinisekise ukuba zonke izixhobo ezifunekayo zokulungiselela iimviwo zitshekishiwe yaye ziyasebenza kakuhle.
(b) Izikolo mazinike iSebe i*WCED* ubungqina obubonisa ukuba izixhobo zihloliwe yaye zisebenza ngokufanelekileyo. Mazenze amalungiselelo okubakho kwesistim eyi-*backup system* yokuncedisa xa kukho ingxaki yokungasebenzi kwezixhobo ezisetyenziswayo okunokwenzeka.
(c) Kucelwa niqaphele ukuba ukulungiselela iimviwo zoLwimi i-*SASL HL* kukho ii-*Digital Versatile Discs* (*DVDs*) ekurekhodwe kuzo iphepha lemibuzo ngalinye, ngokwahlukeneyo, kwakunye nee-*DVDs* ezineempendulo zabafundi. Ezi mpendulo mazirekhodwe nokuba kukwi-*DVD* enye, ngephepha ngalinye, ngomviwa ngamnye, okanye kukwi-*Universal Serial Bus* (*USB) storage device* enye, ngephepha ngalinye, ukwenzela zonke iimpendulo zabaviwa.

(d) ISebe i*WCED* liya kubonelela izikolo ngee-*DVDs* EZIMBINI ngephepha ngalinye, ngomviwa ngamnye okanye ii-*USB storage device* EZIMBINI, ngephepha ngalinye, ngesikolo ngasinye, ukulungiselela iimpendulo zabaviwa.

(e) Makwenziwe amalungiselelo ukuqinisekisa ukuba abaviwa baya kuhlala kwizitulo ezingenazo iindawo zokubeka iingalo (*armrests*), ngoba iindawo zokubeka iingalo (*armrests*) ziphazamisana nokunika iimpendulo kusetyenziswa ulwimi lwezandla.

(f) Izikolo zingakhetha ukungenisa izikriphthi zabaviwa bonke (iirekhodingi) ezikwi-*USB storage device* enye, ibenye elungiselelwe iphepha NGALINYE i-*SASL P*1, i-*SASL P*2 ne-*SASL P*3. Umthamo we-*USB storage device* kufuneka uhambelane nenani labaviwa kwisikolo ngasinye. Umzekelo, isikolo esinabaviwa abayi-15 singafuna ii-64GB *USB storage device* ezintathu. Izikolo kufuneka zenze ifolda *(folder*) ukulungiselela umviwa ngamnye zize zingenise izikriphthi zabaviwa abayi-15 bonke ngephepha ngalinye, zikwi-*USB storage device* enye. Iifolda (*folders*) zomntu ngamnye ezikwi-*USB storage device* ukwenzela iphepha loviwo ngalinye, mazibhalwe inombolo yoviwo yomviwa ngamnye. I-*USB storage device* mayibhalwe *SASL P1* okanye *SASL P2* okanye *SASL P3*. Iirekhodingi ezilungiselelwe ukunceda xa kukho ingxaki (*Backup recordings*) kufuneka zigcinwe esikolweni.

8.2 <u>Iinkqubo ezenziwa ngosuku OLUNYE oluphambi koviwo:</u>

(a) Indawo yokuqhutywa kweemviwo mayilungiswe; makususwe imifanekiso, iipowusta nayo yonke enye imathiriyeli engeyiyo inxalenye yenkqubo yeemviwo.

(b) Ukukhanya kwindawo yokuqhutywa kweemviwo kufuneka kuncedisane neemeko zoviwo. Oku kuthetha ukuba:

i. Akukho zifesitile kwindawo engemva (*background*).
ii. Makungabikho zikhetini zishukumayo kwindawo engemva.
iii. Kungabikho zibane zikhanyise kwindawo yokurekhodela.
iv. Izibane kufuneka zihlale zikhanyisile ngalo lonke ixesha loviwo.
v. Makungabikho kukhanya kubonakalisa izithunzi kwindawo yokurekhoda.
vi. Makungabikho ntshukumo ingeyomfuneko okanye iphazamisayo kwindawo engemva.

(c) Isikolo masiqinisekise ukuba umbane olungiselelwe ukuncedisa xa kukho ingxaki ukhona kwimeko yokucima kombane. Zonke izixhobo zombane eziya kusetyenziswa ngethuba leemviwo zoLwimi i-*SASL HL* kufuneka zihlolwe phambi kokuba kuqhutywe iimviwo, umz. iikheyibhuli zombane (*electricity cables*) neendawo zokukhonektha ii-*wall connections* zombane eziseludongeni mazikulungele ukusebenza kakuhle.

(d) Mayihlale icocekile, ingenanto (*cleaned)* i-*recycle bin* yekhompyutha nganye.

8.3 <u>Iinkqubo ezenziwa NGOSUKU loviwo:</u>

Ngumsebenzi oluxanduva **lomgadi wabaviwa oyintloko** ukuqinisekisa oku kulandelayo:

(a) KWIIYURE EZIMBINI phambi kokuba kuqhutywe uviwo, umgadi wabaviwa oyintloko uya kufumana ii-*passwords* zokufumana amaphepha emibuzo aseyivwe kwii-*DVDs*. Ngoko ke, umgadi wabaviwa oyintloko kufuneka afike kwindawo yokuqhutywa koviwo ngo-06:30.

(b) Zonke izixhobo ziyahlolwa kwakhona KWIIYURE EZIMBINI phambi kokuqalisa kweseshoni yoviwo.

(c) Yonke imathiriyeli yokuqhutywa kweemviwo ifakiwe yaye ifumaneka KWIIYURE EZIMBINI phambi kokuqalisa koviwo.
(d) Zonke iifayili/iifolda zamaphepha emibuzo ziyavulwa ukuze kuqinisekiswe ukuba abaviwa baya kubanako ukufumana iphepha elibhalwa ngolo suku.
(e) Incwadana eprintiweyo ekhutshwe liSebe i-*DBE* elungiselelwe ukwenza umsebenzi wokucwangcisa izimvo (*rough work*) inikwa umviwa ngamnye.
(f) Umviwa ngamnye kufuneka abhale iinkcukacha ngokupheleleyo ezifunekayo kwiphepha eliyikhava yencwadana yokucwangcisa izimvo (*rough work*), esenokusetyenziselwa ukwenzela ukucwangcisa iimpendulo kumaphepha onke.
(g) Ezi ncwadana kufuneka ziqokelelwe ekupheleni kweseshoni yoviwo yaye umgadi wabaviwa oyintloko kufuneka aqinisekise ukuba umviwa ngamnye ubhala iinkcukacha zakhe ngokupheleleyo kwikhava yencwadana.
(h) Incwadana kunye nee-*DVDs/USB storage devices* kufuneka zingeniswe kwiSebe i*WCED*. Kucelwa niqwalasele ukuba akukho zimpendulo zibhaliweyo eziya kuthathelwa ingqalelo ngethuba lenkqubo yokumakisha.
(i) I-*DVD/i-USB storage device* eyi-*backup* yeempendulo zomviwa ngamnye yokuncedisa xa kukho ingxaki yenziwa ngoko nangoko emva kweseshoni yoviwo, yaye makungqinisiswe ukuba zinako ukufumaneka iifayili/iifolda.
(j) Makuxelwe kwiSebe i*WCED* ngoko nangoko nayiphi na ingxaki yokufumana iifayili/iifolda.
(k) Iirejista zokubakhona kuviwo mazizaliswe zihambe nee-*DVDs/nee-USB storage devices.* Ii-*DVDs/ii-USB storage devices* mazibhalwe ngokuchanekileyo zize zipakishwe kwibhegi etywiniweyo (*sealed bag*) eza kufakwa kwibhokisi/kwimvulophu/kwibhegi ekhuselekileyo elungiselelwe ukuhambisa izikriphthi yeSebe i*WCED.*

8.4 <u>Iinkqubo ezenziwa NGETHUBA lokuqhutywa kweemviwo:</u>

**Umgadi wabaviwa oyintloko** makaqinisekise ukuba:
(a) Ukongezelela kumgadi wabaviwa, utitshala woLwimi lwaseKhaya i-*SASL HL* negosa eliyi-*IT technician* bakhona ukwenzela ukunika inkxaso xa kuyimfuneko yaye oko kungqinelana nemimiselo ebhalwe kwiSikhokelo.
(b) Onke amaqela achaphazelekayo ayazithobela ngqo iimfuno zokugadwa kwabaviwa. Makuqinisekiswe ngokukodwa, ukuba ootitshala boLwimi lwaseKhaya i-*SASL HL*, abagadi babaviwa nababekiliso abenzi naziphi na iintshukumo eziphazamisayo ngethuba lokurekhoda iimpendulo zabaviwa.
(c) Abagadi babaviwa nababekiliso bahlala phambi kwabaviwa yaye abajikelezi ngethuba lokurekhoda iimpendulo.
(d) Kulandelwa iinkqubo ezichanekileyo ngethuba lokucima kombane.
(e) Zonke iilephutophu/iikhompyutha zikhonekhthwe kwiindawo ezinombane (*power supplies*) ngalo lonke ixesha lokuqhutywa koviwo.

8.5 <u>Iinkqubo ezenziwa EMVA kokuba kugqitywe uviwo:</u>

8.5.1 **Umgadi wabaviwa oyintloko** makaqinisekise ukuba:

(a) Abaviwa bakutshekishile ukuba zonke iifayili ziseyiviwe (*saved*) kwiifolda zoviwo zabo yaye zibhalwe ngenombolo yoviwo yomviwa nangenombolo yeziko lokuqhutywa koviwo ezichanekileyo.

(b) Utitshala uvula zonke iifolda zabaviwa kwikhompyutha/kwilephutophu aze akhuphele iifolda kwi-*DVD* yomviwa ngamnye okanye kwi-*USB storage device* ukwenzela isikolo.

(c) Kuseyivwa iirekhodingi zomviwa kanye ngqo kolo xwebhu lokwenza umsebenzi yaye akuseyivwa kwi-*shortcut* ekwi-*desktop* (*shortcut on the desktop*).

(d) Izikolo ziyazi ukuba zivumelekile ukuba zisebenzise i-*USB storage device* enye, ngephepha ngalinye, ukulungiselela zonke iimpendulo zabaviwa.

(e) Izikolo ezikhethe ukuseyiva iimpendulo zabaviwa kwi-*USB storage device*, maziqinisekise ukuba iimpendulo zomviwa ngamnye zigcinwe kwifolda yakhe yaye inombolo yoviwo iseyiviwe ngokuchanekileyo njengegama lefayili.

(f) Ukuba isikolo sinokukhetha ukusebenzisa ii-*DVDs*, i-*DVD* yomviwa ngamnye mayiphawulwe ngokucacileyo ngenombolo yoviwo yomviwa.

(g) I-*DVD* enye yephepha ngalinye, yomviwa ngamnye, okanye i-*USB storage device* yephepha ngalinye yeempendulo zabaviwa bonke ingeniswa kwiSebe i*WCED* zize zonke ii-*DVD*/ii-*USB storage devices* ezizii-*backup* zigcinwe ngokukhuselekileyo esikolweni.

(h) Ukukhutshelwa kweefayili/kweefolda kwii-*DVDs*/kwii-*USB storage devices* makwenziwe phantsi kweliso lomgadi wabaviwa oyintloko.

(i) Abaviwa ABAPHUMI kwigumbi ekuqhutywa kulo iimviwo kude kugqitywe zonke iinkqubo zolawulo ezimalunga noviwo.

8.5.2 **Utitshala woLwimi lwaseKhaya i-*SASL HL***:

(a) Makavule zonke iifolda zabaviwa ezikwiikhompyutha zabo aze azikhuphele iifolda kwi-*DVD*/kwi-*USB storage device* yomviwa ngamnye, ukulungiselela injongo yokungeniswa kwazo ukuze zimakishwe.

(b) Makayibhale/makayithiye ngenombolo yoviwo yomviwa ngokucacileyo i-*DVD*/i-folda yomviwa ngamnye ekwi-*USB storage device*.

(c) Makenze i-*DVD* eyi-*backup* (*write a backup*) yokunceda xa kukho ingxaki yomviwa ngamnye ukulungiselela imeko yokuba i-*DVD* yokuqala ibenengxaki nangaliphi na ithuba OKANYE aseyive zonke iifolda (ezibhalwe ngokucacileyo inombolo yoviwo yomviwa) kwi-*USB storage device* eyi-*backup* yokunceda xa kukho ingxaki.

(d) Makaqinisekise ukuba zonke iifayili ezikwifolda yeemviwo yomviwa zinako ukuvuleka phambi kokuba ii-*DVDs*/ii-*USB storage devices* zipakishwe zize zingeniswe kumgadi wabaviwa oyintloko.

(e) Aqinisekise ukuba inani lee-*DVDs* OKANYE inani leefolda ezikwii-*USB storage devices* liyangqinelana nenani lamagama abaviwa akwirejista. Umzekelo, ukuba ngabaviwa abahlanu ababhale uviwo ngoko ke makungeniswe ii-*DVDs* ezintlanu (ibenye ngomviwa ngamnye) kwiSebe i*WCED* OKANYE ukuba ngabaviwa abahlanu abavavanywe kwiimviwo, makufakwe iifolda ezintlanu kwi-*USB storage device* ekufuneka ingeniswe kwiSebe i*WCED* ukulungiselela ukumakisha.

(f) Azalise aze asayine ilisti yokutshekisha ekhutshwe liSebe i*WCED*. Isampuli yale listi yokutshekisha ifakwe **njengesiHlomelo B** kwiSikhokelo esiqhotyoshelweyo.

8.6 Kucelwa iSebe i*WCED* liqinisekise ukuba izikolo zinazo ii-*DVD* writers/ii-*USB storage device ports* yaye ootitshala be-*SASL HL* bayakwazi ukuba iseyivwa njani ingcaciso kwii-*DVDs*/kwii-*USB storage devices* phambi kokuba kuqale iimviwo ze-*NSC* ze-*SAHL HL*.

8.7 Ingxelo epheleleyo yazo naziphi na izitenxo kwiinkqubo nezixhobo ezisetyenziswayo (*technical irregularities)* okanye iingxaki ezinokwenzeka ngethuba loviwo mayingeniswe kwiSebe i*WCED* (umz. Iifayili ezilahlekileyo/ezonakeleyo, ixesha elibe yilahleko ngenxa yokungabikho kombane, izixhobo ezisebenziyo, kunye/okanye isenzo sokungayithobeli imiyalelo).

8.8 Makulandelwe la maxesha abekiweyo ukuvavanya ukusebenzisa ulwimi lwezandla alandelayo. Makuqatshelwe ukuba uvunyiwe umnyinyiva wokuxolelwa okukhethekileyo okumalunga nokwabiwa kwexesha elinikwe abaviwa be-*SASL HL*. Abaviwa mababe sebehleli phantsi engadlulanga u-8:30.

| INYATHELO | IXESHA ELIBEKIWEYO | UBUDE BEXESHA |
|---|---|---|
| Ixesha lokufunda | Imizuzu eyi-20 | 08:40 ukuya ku-09:00 |
| Ukusebenzisa ulwimi lwezandla (*signing*) iPhepha 1 | Ubuninzi ziiyure ezine | 09:00 ukuya ku-13:00 |
| Ukusebenzisa ulwimi lwezandla (*signing*) iPhepha 2 | Ubuninzi ziiyure ezine | 09:00 ukuya ku-13:00 |
| Ukusebenzisa ulwimi lwezandla (*signing*) iPhepha 3 | Ubuninzi ziiyure ezintathu | 09:00 ukuya ku-12:00 |
| Ukuseyiva iifolda kwi-*DVD* | Ngokumalunga nemizuzu eyi-120 (kuxhomekeke kwinani labaviwa) | **Amaphepha 1 no-2**:<br>13:00 –15:00<br>**Iphepha 3:**<br>12:00 –14:00 |

8.9 Ukuba kukho nayiphi na imibuzo enxulumene neenkqubo ezilungiselelwe ukuqhutywa kweemviwo, kufuneka ithunyelwe ngqo kwicandelo leemviwo leSebe i*WCED*.

8.10 <u>Iinkqubo ezisetyenziswa xa kungekho mbane okanye xa umbane ucimile (*loadshedding*):</u>

Zonke iikhompyutha/iilephutophu zabaviwa kufuneka zikhonekhthwe kwisistim yombane eyi-*backup power system* enceda xa kukho ingxaki yokungabikho kombane enjenge-*Uninterruptible Power Supply* (*UPS*). Ukuba kubekho ukucima kombane ngethuba lokuqhutywa koviwo, kufuneka kulandelwe le nkqubo ilandelayo:

(a) Abaviwa kufuneka bahlale kwigumbi ekuqhutyelwa kulo iimviwo kude kubuye umbane okanye kuphele iiyure ezimbini ungekho umbane.
(b) Abaviwa ABANAKO ukunxibelelana ngethuba belinde ukubuya kombane.
(c) Ixesha ekuphulukenwe nalo ngethuba lokucima kombane kufuneka livunywe njengexesha elongezelelweyo loviwo.
(d) Ukuba umbane awubuyanga emva kweeyure ezimbini, uviwo kufuneka lucwangciselwe omnye umhla.
(e) Xa kucima umbane, inqununu kufuneka yazise abasemagunyeni kwingingqi ngoko nangoko yaye iqinisekise nobude bexesha lokucima kombane.
(f) Makwaziswe iSebe i*WCED* ngoko nangoko.

8.11 <u>Iinkqubo ezisetyenziswa kwimeko yokungasebenzi kwekhompyutha:</u>

(a) Kufuneka kubekho iikhompyutha EZIMBINI ubuncinane ezongezelelweyo ukwenzela xa kunokubakho ingxaki.
(b) Kwimeko apho kukho ingxaki yokusebenza kwekhompyutha/kweekhompyutha, umviwa/abaviwa kufuneka basiwe ngoko nangoko kwisixhobo esiyi-*backup equipment* esilungiselelwe ukunceda xa kukho ingxaki, yaye umviwa/abaviwa abachaphazelekayo mabanikwe ixesha elongezelelwe elifanelekileyo.
(c) Abaviwa kufuneka bagqibe ukuphendula iphepha ngexesha elabelwe iphepha.
(d) Kukuwuseyiva umsebenzi womviwa kwi-*DVD*/kwi-*USB storage device* nokuhlolwa *(testing)* kwee-*DVDs*/kwee-*USB storage devices* kuphela okuya kuvunyelwa emva kokuba ixesha elabelwe uviwo liphelile.
(e) Abagadi babaviwa kufuneka bathathe onke amanyathelo afanelekileyo ngobulumko ukwenzela ukuqinisekisa ukuba iifayili zabaviwa zifakiwe kwii-*DVDs*/kwii-*USB storage devices* yaye ezi fayili/folda zinako ukufumaneka.

8.12 <u>Ukubuyiselwa kweempendulo zabaviwa (*DVD*/*USB storage device*) kwiSebe i*WCED*:</u>

(a) Ii-*DVDs*/ii-*USB storage devices* kufuneka zithathwe kwiziko ekuqhutyelwa kulo iimviwo nokuba ligosa leSebe i*WCED* okanye zisiwe ngumgadi wabaviwa oyintloko kwiSebe i*WCED*.
(b) Irejista kufuneka igcinwe kuzo zonke iindawo apho ii-*DVDs*/ii-*USB storage devices* zigqithiselwa khona. Amagosa abandakanyekayo kumsebenzi wokugqithiselwa kwenye indawo kwee-*DVDs*/kwee-*USB storage devices* zoviwo, kufuneka asayine le rejista aze abonise ixesha lokugqithiselwa kwazo kwenye indawo. Irejista kufuneka igcinwe kwi-ofisi yesithili kude kufike ixesha lokugqitywa kweemviwo emva koko zigqithiselwe kwiSebe i*WCED*.
(c) Ii-*DVDs*/ii-*USB storage devices* AKUFUNEKI naphantsi kwazo naziphi na imeko ukuba zigcinwe ubusuku bonke kwiziko ekuqhutyelwa kulo iimviwo.
(d) Ii-*DVDs*/ii-*USB storage devices* kufuneka zitywinelwe kwimvulophu/kwibhegi ekubonelelwe ngayo ukulungiselela le njongo ukuze zithintelwe ekonakaliseni.
(e) Xa ii-*DVDs*/ii-*USB storage devices* zifunyenwe liSebe i*WCED* kufuneka zitshekishwe ngokuzithelekisa nemakhishithi efanelekileyo phambi kokuba zigqithiselwe kwiziko lokumakisha. Kufuneka kugcinwe irekhodi yazo zonke ii-*DVDs*/ii-*USB storage devices*

ezigqithiselwe kwiziko lokumakisha yaye umphathi weziko lokumakisha makakusayinele uzikufumana ezi-*DVDs*/ezi-*USB storage devices*.

9. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2024-10-18